



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**SEPTEMBA 2019**

**ISIXHOZA ULWIMI LWASEKHAYA P2**

**AMANQAKU:** 80

**IXESHA:** 2½ iiyure



Olu viwo lunamaphepha angama-25.

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda imiyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.
2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.
3. Eli phepha loviwo linama CANDELO ama THATHU:  
ICANDELO A: ISihobe (30)  
ICANDELO B: INovel (25)  
ICANDELO C: IDrama (25)
4. Phendula imibuzo emiHLANU iyonke:

Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, omNYE kwiCANDELO B, nomNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

ICANDELO A: ISIHOBE

IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo emiBINI

UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: Ngumbuzo ONYANZELEKILEYO

ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

Phendula umbuzo OMNYE.

ICANDELO C: IDRAMA

Phendula umbuzo omNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI/UNCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA).
  - Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli/uncwadi lwemveli nakwidrama oyifundisiweyo.
  - Phendula UMBUZO OSISINCOKO omNYE kunye NOMFUTSHANE ube mNYE

Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisiti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

- Umbuzo osisincoko kwiSihobe kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama ali-190–240.
- Umbuzo osisincoko kwiNoveli/kwincwadi Lwemveli neDrama kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama angama 340–390.
- Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo Iwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

7. Landela imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kweCANDELO ngaliNYE ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela indlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO ngaliNYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu

ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu

ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**ITHEYIBHILE YESIQULATHO****ICANDELO A: ISIHOBE**

**Imibongo efundisiwego: Phendula NAYIPHI na imibuzo emiBINI.**

<b>INANI LOMBUZO</b>		<b>UMBUZO</b>	<b>AMANQAKU</b>	<b>INOMBOLO YEPHEPHA</b>
1.	UMfikazi UCharlotte Manyhi Maxeke	Umbuzo osisincoko soncwadi	10	6
2.	limbongi	Umbuzo omfutshane	10	7
3.	A! Ngangomhlaba!	Umbuzo omfutshane	10	8
4.	Unozakuzaku	Umbuzo omfutshane	10	9
<b>KUNYE</b>				
<b>Umbongo ongafundiswanga. Kunyanzelekile ukuba uwuphendule.</b>				
5.	liholide	Umbuzo omfutshane	10	10

**QAPHELA:** Phendula umbuzo omNYE OSISINCOKO nombuzo omNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.

**ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI**

**Phendula umbuzo omNYE**

<b>INANI LOMBUZO</b>		<b>UMBUZO</b>	<b>AMANQAKU</b>	<b>INOMBOLO YEPHEPHA</b>
6.	<i>Inkaw'idliw'ilila</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	11
7.	<i>Inkaw'idliw'ilila</i>	Umbuzo omfutshane	25	12
8.	<i>Nyana wam!</i> <i>Nyana wam!</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	14
9.	<i>Nyana wam!</i> <i>Nyana wam!</i>	Umbuzo omfutshane	25	14
10.	<i>Ukhozi olumaphiko</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	16
11.	<i>Ukhozi olumaphiko</i>	Umbuzo omfutshane	25	16
<b>OKANYE</b>				
12.	<i>Ubuncwane Boncwadi Lwemveli</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	18
13.	<i>Ubuncwane Boncwadi Lwemveli</i>	Umbuzo omfutshane	25	18

**ICANDELO C: IDRAMA****Phendula umbuzo omNYE.**

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
14.	<i>Buzani kubawo</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	21
<b>OKANYE</b>				
15.	<i>Buzani kubawo</i>	Umbuzo omfutshane	25	21
16	<i>Indlal' inamanyala -</i>	Umbuzo osisincoko soncwadi	25	23
17	<i>Indlal' inamanyala</i>	Umbuzo omfutshane	25	24

**QAPHELA:** **KUMACANDELO B no C**, qiniseka ukuba uphendule umbuzo **OSISINCOKO OMNYE** nombuzo **omNYE OMFUTSHANE**.  
 Nceda ungaphenduli imibuzo emiBINI ezizincoko okanye imibuzo emiBINI emifutshane.

**ULUHLU LOKUKHANGELA (ITSHEKHLISTI)**

Kunyanzelekile ukuba ujongsise olu luhlu lulandelayo ukuze uqiniseke ukuba ukhethe imibuzo ngendalela eyiyo.

ICANDELO		AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO	TIKISHA NGASEZANTSİ
A	ISihobe( ISihobe esifundisiweyo)	1–4	2	
	Isihobe (ISihobe esingafundiswanga)	5	1	
B	Inovel Noncwadi Lwemveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE omfutshane)	6–13	1	
C	Idrama(Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE omfutshane)	14–17	1	

## ICANDELO A: ISIHOBE

### IMIHOBE YESIXHOSA – B Ngombane

#### IMIYALELO

- Kweli CANDELO kubuzwe imibongo nezibongo ezine ezifundisiwego nombongo omNYE ongafundiswanga.
- Umviwa ulindeleke ukuba aphendule nayiphi na imibuzo emiBINI ebuzwe kwimibongo OKANYE kwizibongo ezifundisiwego; kunye nombuzo omNYE kumbongo ongafundiswanga OKANYE isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongombongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qiniseka ukuba uphendule imibuzo emiTHATHU kweli candelo.

Ubude bempendulo yombuzo osisincoko buphakathi kwe-190–240 amagama.

#### IMIBONGO EFUNDISIWEYO

Phendula NAYIPHI NA imibuzo emiBINI.

#### UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula umbuzo osekwe kuwo.

Khetha uze uhlalutye isigama esisetyenziswe yimbongi ukupuhhlisa ukuba lo ithetha ngaye kwesi sicatshulwa sombongo sele walandulela eli limagad`ahlabayo.

[10]

#### UMFIKAZI UCHARLOTTE MANYHI MAXEKE – S.E.K MQHAYI

*“Ndesuka ndingunina kwaSirayeli  
(GWEBI 5:7).*

- 1 Shukumanि bafazi;
- 2 Ushenxil’ uMamarhixirhixi;
- 3 Ufinyis’ amagruxu;
- 4 Ushenxil’ okad’ esakh’ umzi,
- 5 Egutyul’ iirhangna namanxila;
- 6 Egodus’ amahilihil’ agoduke;
- 7 Kubuy’ amadungudwan’ emazweni;
- 8 Itye lesiseko seTiyopiya!
- 9 Shukumanि bafazi!
- 10 Igqibil’ intomb’ asemzini;
- 11 Igqibil’ intomb’ aseLusuthu
- 12 Umfazi wamaNywabe kwaGatyeni;
- 13 Ukhe wabek’ iinyawo kwelabaTswana;
- 14 Kusapho lukaKhama nolwabaRolweni;
- 15 Wabek’ amabele kubaThembu;
- 16 Kumabandla kaNdaba kaZondwa;
- 17 ETyhalarha kwingcwaba likaNgangelizwe.

- 18 Maz' emabele made yase-Afrika;  
 19 Okwanyis' usapho lukaNtu luhphela;  
 20 Azi nonyaka yaphusile nje;  
 21 Logangwa yintokazi kabani na?  
 22 Menzelen' ilitye lokukhunjulwa;

## UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicutshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

### IIMBONGI – Z.S QANGULE

- 1 Nkedama ezaziwa ngokubhonga,  
 2 Mithombo ehlupha ngokubhanga,  
 3 Nzala yamagqirha **ngokunuka**,  
 4 Luhlobo lwamanxila ngokuthuka,  
  
 5 Ziphoxo zenkundla ukubhoxa,  
 6 Xholovane benkundla ukuxoxa,  
 7 Zazi zeembalo ukuprofithesha,  
 8 Makholwa endalo ukubhedesha,  
  
 9 Manyange anyanga izizwe,  
 10 Bavuseleli abatyala ubuzwe,  
 11 Zingxangxasi iingcamango zenu,  
 12 **Yingxubevange** ukugxagxaza kwenu,  
  
 13 Ndiphuma nani ngokutola,  
 14 Ndivuma nina ngokuhlola.

- 2.1 Lizisa eyiphi intsingiselo igama elibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-3? (2)  
 2.2 Caphula ubungqina bokuba iimbongi ngokwezenzo zazo azizicaluli iinkolo. (2)  
 2.3 Ugqamisa ntoni ngeembongi umfanekiso ngqondweni okumqolo we-12? (2)  
 2.4 Nika imfundiso efumaneka kulo mbongo. (2)  
 2.5 Ngqina ukuba olu didi lombongo yisonethi. (2)  
**[10]**

### UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicutshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

#### A! NGANGOMHLABA! – S.E.K MQHAYI

1 Yema **mangqangq'** iManisipaliti,  
 2 Akroz' amajon' oMkhosi,  
 3 Yahlahlamb' iNtambula ka- I.C.U.  
 4 Yathi: Ngambu-ngambu-ngambu!  
 5 "Zaphal' imoto nemotokali",  
 6 Laphalal' igazi leenkabi zontatu,  
 7 Zakhala zakuhlatywa zatakazela!  
 8 Zathi, Bho-ho-ho kankomo!  
 9 Lanyikima lonk' elakwaGombo,  
 10 Zaqaba calany' iintokazi;  
 11 Laxakek' igwangqa lenqwelem:  
 12 Lafun' ukuthi' inkanun' ayikenzi nto.  
 13 A! Ngangomhlaba!  
 14 A! Ngangomhlaba!  
  
 15 NguSo-kugqononoza;  
 16 Udong'olubomv' olulil' iinyembezi,  
 17 UMqanduli yinxil' engaphakathi,  
 18 UGoliva yingxow' okutshayela;  
 19 Sisiyangayanga, yindab' amaxhego,  
 20 Ubhityil' umnt' ohlal' engxoweni,  
  
 21 Ukutya kokuhamb' akuyi siswini  
 22 Kuhlal'ezinyaweni kweliphezulu,  
 23 Zekuthi ukuhla kuhle nomnqambulo.  
 24 Ngubo kaSoy' izel' amaqhingga  
 25 Kub' uyityil' ifatyi wayikhanyela,  
 26 Wayivimb' impi yaseBungeni,  
 27 Yindaba kajozi zoKezala  
 28 Babambene ngelif'elisetyesini;

- 3.1 Lizisa eyiphi intsingiselo igama elibhalwe ngqindilili kumqolo wokuqala? (2)
- 3.2 Caphula ubungqina bokuba umcimbi wawuqhubeka kwingingqi yaseMonti. (2)
- 3.3 Ugqamisa ntoni umfanekiso ngqondweni ofumaneka kumqolo wesi-9? (2)
- 3.4 Nika imfundiso efumaneka kulo mbongo. (2)
- 3.5 Ngqina ukuba esi sicutshulwa sombongo sithathwe kumbongo mbauso. (2)

[10]

## UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicutshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

### UNOZAKUZAKU – Z.S QANGULE

- 1 Indod' encazwa ngabakhulu kwanabanci,
- 2 Kufunek' ingalandulanga kodwa yenz' ezo nto
- 3 Imaz' esengekayo nok' **isisaqhaga**,
- 4 Kaloku yindlezan' ayinakoma kuthi tu.
  
- 5 Inyew' idinyazw' ilungiswe nguye,
- 6 Ngumnt' ontloni ke wasebulawini.
- 7 Intomb' yazimel' unin' ambathe,
- 8 Ngumdibanisi wamakhay' amabini ngobulawu.
  
- 9 Nanko k' esiz' ehamb' exhakazela,
- 10 Abafazi bemhewula, zimkhonkoth' izinja.
- 11 linkomo ziphi, luphi na lon' uswazi?
- 12 Azi waze njani na? Isazi-mzi k'eso.
  
- 13 Imbeko nemibuz' emlindeleyo kwelo khaya.
- 14 Kodwa ke yinkabi yamalang' ekad' inetha.
- 15 Indlel' ayaziwa mntu kodw' umhambi wayo,
- 16 Kuthenjwe yena ngasemv' ujongiwe ngaphambili.

- 4.1 Liza neyiphi intsingiselo igama elibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-3? (2)
  - 4.2 Caphula ubungqina bokuba unozakuzaku ngumyili wobuhlobo. (2)
  - 4.3 Uggamisa ntoni ngonozakuzaku umfanekiso ngqondweni ofumaneka kumqolo we-9? (2)
  - 4.4 Nika imfundiso efumaneka kulo mbongo. (2)
  - 4.5 Ngqina ukuba esi sicutshulwa sombongo sithathwe kumbongo nkcazo. (2)
- [10]**

## **UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: KUNYANZELEKILE UWUPHENDULE.**

### **UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicutshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

#### **IIHOLIDE – S.E.K MQHAYI**

- 1 Khaniphuml' ezifundweni,
- 2 Khaniphuml' ezibalweni;
- 3 Kukade nithwele nzima
- 4 Ngaphezulu kokulima.
- 5 Khaniphumle, khaniphumle, madodana,
- 6 Khaniphumle, kwanani mthnjana.
  
- 7 Kuthe khona kulo nyaka,
- 8 Kwafumane kwathi nyaka!
- 9 Izifundo zangangengca.
- 10 Kwasikw' imizi nengca.
- 11 Khaniphumle, khaniphumle, makhwenkwana,
- 12 Khaniphumle, khaniphumle zintwanazana.
  
- 13 Kade niyitshis' ingqondo.
- 14 Kwade kwanga kutsh' idobo;
- 15 Bayaluzel' ubuchopho
- 16 Ngokwezintlwza zesixhobo
- 17 Khaniphumle, khaniphumle, bafanana,
- 18 Khaniphumle, kwanani mathokazana.
  
- 19 Niziqwelile neemviwo,
- 20 Ngent' ezingenalwazi;
- 21 Ngeelwimi zasezizweni,
- 22 Natsho wancama' umnt' ezweni,
- 23 Khaniphumle, khaniphumle madodana,
- 24 Khaniphumle, khaniphumle mlisazana.

- 5.1 Xela isixhobo sohlalutyo esibethelela ukuba iholide lixesha lokuphumla. (1)
  - 5.2 Ithetha ngeyiphi iholide yonyaka imbongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)
  - 5.3 Chonga umqolo kwisitanza sesi-2 ophuhlisa ukuba izifundo ezenziwa ngabafundi zininzi kakhulu. (1)
  - 5.4 Zifana njani izitanza zalo mbongo ngokwesakhiwo sangaphandle? (2)
  - 5.5 Xela isafobe esifumaneka kumqolo we-13 uze uchaze ukuba siphuhlisa ntoni. (2)
  - 5.6 Chaza uvakalelo lwembongi ngokwalo mbongo uwonke. Xhasa impendulo yakho. (2)
- [10]

**AMANQAKU ECANDELO A:** **30**

## **ICANDELO B: INOVELI**

### **IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezintathu noNcwadi Lwemveli.
- Khetha umbuzo kwiNoveli/kuncwadi Iwemveli olufundisiweyo.
- Kwinoveli ngaNYE nakuNcwadi Lwemveli kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI nombuzo OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo wesi-6 ukuya kumbuzo we-13.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI (kwinoveli/ kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwidrama). Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinoveli/Ncwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwidrama).

### **INOVELI**

Phendula UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO) OKANYE UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### **UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

#### **INKAWU IDLIW'ILILA – S KULA**

Kwinoveli ethi, ‘Inkawu idliw’ilila’ ukunyoluka kuyahlabana neenjongo zomthetho.” Ngqina olu luvo ngesincoko.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390 (2–2½ amaphepha)

[25]

### **OKANYE**

## UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### INKAWU IDLIW'ILILA: S KULA

Funda ezi zicatshulwa zenoveli zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

#### ISICATSHULWA A

Wathi uThantaswa xa eggibezele izifundo zakhe, wabonwa ngusomashishini waseGcuwa, uMsindisi Yangaphi. Ngelo xesha yena uMfuneko kwakusele kukudala waphumayo eWSU ngenxa yokuphela kwemali. UMsindisi wayehambele izinto zoshishino eMthatha ukubona kwakhe intombi eyayiphakamise iqwakuqwaku elalinenombolo yaseGcuwa phambi kwala garaji ingasendleleni xa ungenayo apha edolophini eMthatha.

Yaqhwanyaza kwakanye imesedisi yakhe, yabe seyiphambi kwaloo ntombi. Bathi besiza bebaleka abanye abantu ababefuna ukukhweliswa, wathi umqhubi makavale ucango, emva koko wayixhuzula imoto yakhe ebashiya bebumatsheka. UThantaswa ufile kumfo obonakalayo ukuba unobuntu. Yindedeba ayibone ngodidi lwemoto yayo ukuba ayixakekanga kwezifuna imali. Utte akungena kuloo moto, wahlala wazinza esitulweni sakhe. Waziva ngathi ukhonxekile yena umfana kaYangaphi, amehlo akhe emana ukuwaphosa kuThantaswa ecaleni kwakhe. Wayengathi walame ingelosi phakathi kwaboni. Apho emotweni kwakungekho zindaba zininzi ngaphandle kokuba uMsindisi encina ezaseYunivesithi kuThantaswa.

Yayimilile intombi yasemaCirheni, inesiqwana nje esimnandana okwesembaleki. Yayikhanya ngebala, inonwele oluhla ngezidlele ezitumtumana. Umlomo wawumnyama okowomntu obesitya iziphingo. Intamo ende yayihonjiswe ngomcwana omnye wobucwebe begolide.

**Yayinxibe ezimhlophe ngathi ngumtshakazi ecanda inkundla.** Umqolo lo wayo wonke wawubethwa ngumoya ngaphandle kuloo lokhwe yayanamasondo ajinga ngobuchule obukhulu ngathi ibisikelwe umdaniso. Yayichophise kuhle ngezihlangu zayo, ithi ukuhamba oku isinqe siye ngapha nangapha okwesikanomyayi ehamba endimeni.

- 7.1 Chaza uxulumano lukaThantaswa kune nalo Mfuneko phambi kokuba ahlangane noMsindisi kule noveli. (2)
- 7.2 Bonisa ngeengongoma eziNTATHU ukuba umnatha wothando uwuphuhlise njani umxholo wolwaphulo mthetho kule noveli. (3)
- 7.3 Ubumnyama bomlomo kaThantaswa bungumqondiso wantoni kubomi bakhe bale noveli? Xhasa impendulo yakho. (3)
- 7.4 Tyhila isigqebelo esisekubeni uThantaswa enxibe ilokhwe emhlophe ngalo mhla ahlangana noMsindisi. (2)
- 7.5 Likweliphi inqanaba lesakhiwo ibali ngokwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 7.6 Sikhumbuze ngezenzo eziTHATHU ukuba uThantaswa nyhani ‘ubenentamo ende’ ngokwebali lale noveli. (3)

## ISICATSHULWA B

Isikhalo sikaHlengiwe sakhupha uNomacebiso nabantwana endlwini. Yaba nguhintshintsu ukuya kumngenisa endlwini uMfezeko. Wangena nje wabahlula, bamyeke ethe natya phantsi. Wazicofa engxamile iinombolo zasesibhedlele uHlengiwe ecela uncedo lwenqwelo yezigulana. Umongikazi owaphakamisa loo fowuni wambambisa unyaka onesiqhuma phambi kokuba amqhagamshelanise nabantu benqwelo yezigulana. Zazingathi azililanga kuHlengiwe, ethi engapha abe engapha, emselisa lubisi, manzi, mayeza ezama icebo elingalunga. Wayenokushwabula okuthile umntwana wabantu, ethetha namagama angavakali kakuhle kodwa onke ebhekiselele ngakuThixo omakabe nenceba. Yada yafika inqwelo yezigulana emva kwexesha elide ilindiwe, uHlengiwe ekroba phandle rhoqo.

Ngobo busuku uMapheza wabalekiselwa esibhedlele ekwimeko emandundu ngokwenene. Wayesel"engenakubalelwu kwabaphilayo, efana nje nenkowane enyathelweyo. Ukuba amadoda enqwelo yezigulana akazange amnike uncedo lokuqala ukufika kwawo, ngewafika esibhedlele sebanda ceke.

Wafika apho esibhedlele encediswa ukuphefumla ngombhobho weoksijini. Phezu kwakhe kwakujinga isixwexwe sedriphu eyayimnika amandla. UHlengiwe wayethe ngcu ecaleni kwakhe, isandla sakhe singapheli emehlwani. Ngalo lonke ixesha uHlengiwe wayejonge ebusweni kuMfezeko owayelaliswe ngomqolo ehola okwenkomo ekrwitshwe ngesitrophu. Ixhala lalimenze wakhangeleka butshaza umntwana wasemzini, isandla sakhe esasisebunzi kuMfezeko sasingcangcazela sonke. Yayisithi yakunyuka incwina yesigulana, asisuse ngokukhawuleza ayokusibeka esifubeni kuMfezeko. Wayengeva nokunqandwa oku ngala madoda oncedo lokuqala.

- 7.7 Xela isenzo esingunobangela wale meko akuyo uMfezeko. (2)
  - 7.8 Caphula amazwi kwisicatshulwa aqulethe intsingiselo yokuba uHlengiwe walindiswa ixesha elide kakhulu emnxebeni. (1)
  - 7.9 Xela izixhobo zibeziBINI eziphefumla ngokusetyenziswa kwazo kwisicatshulwa zangqina ukuba eli bali liqhubeka kwixesha lokhanyo. (2)
  - 7.10 Uludidi luni lomlinganiswa uMfezeko kule noveli? Xhasa impendulo yakho. (3)
  - 7.11 Ingaba ukuzibulala kukaThantaswa kusisiphelo esilindelekileyo okanye sesothusayo kule noveli? Xhasa impendulo yakho. (2)
- [25]

## **UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

### **NYANA WAM! NYANA WAM! WK TAMSANQA**

Kwinoveli ethi, 'Nyana Wam Nyana Wam' ukuyekela abanye bakuthathole izigqibo kuyahlabana neenjongo zempumelelo." Ngqina olu luvo.

[25]

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390 (2–2½ amaphepha)

## **UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

### **NYANA WAM! NYANA WAM!- WK TAMSANQA**

Funda ezi zicatshulwa zenoveli zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

## **ISICATSHULWA C**

Galakangqa, kwangena ufafa olude lomfana, into emnyama ukusuka esihlangwini ukuyophosa elunweleni. Into emkhitha ngathi ngowenkabi yehashe. Obo bunnymama babuphazanyiswe lithambo elimhlophe elalibhijele umqala lifuna ukumfanisa nehlungulu, kwakunye naloo mazinyo amhlophe ayemane ukuthi menye kobo buso babuzele uncumo olwaluntama uthando ulungazenzisiyo kumninilo. Yayingumfundisi. Ebusweni wayetsho ngesiva esasixwese isidlele, simfanele ndithetha enga wazalwa naso.

Uthe akungena lo mfo wabonakala utitshala ephakama esihlalweni emhlangabeza, kucaca ukuba uyamfanisa. Akufika kuye wolula isandla embulisa, wenjenjalo nomhambi, baxhawulana.

"Tyhini bhota Thole" Watsho utitshala esixhuzu-xhuzula isandla somhambi ehleka.

"Titshala uza kudliwa, layekwa elo gama," watsho umhambi, phofu ehleka.

"Uthini na mfondini? Nguwe lo? Waba ngumfundisi ngenene? Uyazi ndimana kuyiva nje le nto ndingakholwa," Watsho utitshala esibambile njalo isandla somhambi.

"Ndim lo, kholwa," yabamfutshane yatsho impendulo yomhambi. Bebambene njalo kwathi xum kwee cwaka, zaphela iindaba, bajongana umzuzu. Bebambene njalo zabonakala ziphalala iinyembezi kutitshala. Akazanga abenakho nomhambi ukuzibamba, zabonakala nakuye ziphalala. Balilelana.

Bayana ngamehlo abantwana besikolo bemangalisiwe ukuba kuqhubele na.

Kwakhula usebezo owawunokuthi xa ubeke iindlebe ufumanise ukuba kulawula umbuzo omnye othi "Ngubani na lo?" Yayinye impendulo ingu "Andazi." Ngenene kwakungekho namnye owayemazi kuloo ndlu ngaphandle kotitshala.

- 9.1 Chaza unxulumano lukaThole nalo titshala athetha naye. (2)
- 9.2 Bonisa ngeengongoma eziNTATHU ukuba ukubethelwa nokubanesazela kuwupuhhlise njani umxholo wempumelelo esentabeni kule noveli. (3)
- 9.3 Ubude bukaThole obuchazwa kwesi sicatshulwa bubengumqondiso wantoni kubomi bakhe ngokwebali lale noveli? Xhasa impendulo yakho. (3)
- 9.4 Tyhila isigqebelo esikwimeko kaThole yokuba engumfundisi ngokweli bali lale mini ikwisicatshulwa. (2)

- 9.5 Likweliphi inqanaba lesakhiwo ibali ngokwesi sicutshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 9.6 Xoxa ngeengongoma eziNTATHU ubunyani bokuba layekwa igama elithi "Thole" ngokwebali lale noveli. (3)

**KUNYE****ISICATSHULWA D**

"Emnyango!" utshilo owevolo-volo emkhomba ngayo. Wankcunkca ukuya kuphuma emnyango uThole. Bamqhuba ukusuka apha bayo kumfaka ndlwini ithile kwalapho elokishini. "Peto khawenz' into sisele, sizokuyicingela le nja ukuba sithini ngayo," yatsho le nto iphethe ivolo-volo kucaca ukuba nayo ngokwayo ngomnye owagqitha indlu yoxolo ivaliwe, ibonakala kwasemehlweni apha ukuba igila imikhuba, ngumbulali mdala. Yathi ukuba itsho waphuma omnye wabo wanga akayanga wabuya nomngxu wanika le nto imehlo abomvu. Kweziwa negilasi yagalela yee qongqololo yacimela inyakamile, yavakala isithi, "Khuphani intambo nimqamangele ewodrophini." Kwavulwa kwakuyo le wodrophu aza kubotshelelwa kuyo kwakhutshwa iintambo waqanyangelwa ukusuka elunyaweni ukuya kuthi ga entanyeni. Emva koko bamphamba-phamba ngeempama bemtshicela, bemkhaba kwindawo ezimbi nezinengozi emzimbeni engenakho nokuthini ngenxa yokuqiniswa kweentambo ezazimbophile.

"Thabathani isitulo nibeke ixesha kuso nilijongise phaya kuye alibone," yatsho le nto, kwenziwa njalo kwangoko.

"Uyalibona elo xesha?" yabuza le nto

"Ewe ndiyalibona," watsho ukuphendula uThole. Yesuka enye yezi nkewu yatsiba yatsho kakhulu ngempama isithi, "Yithi ewe ndiyalibona nkosi!"

"Ewe ndiyalibona nkosi!" uphindile watsho. Phambi kwakhe kwakubekwe la maxesha makhulu kuthiwa *zi-alarm clock*.

"Khawubophe izoli sikhe siytshayele mtshan'am," yatsho le nto kucaca ukuba ngumakhonya kwesi sine imana ukuthunga kou tywala inunusa amaqabane ayo.

- 9.7 Xela isenzo sikaNomsa esikhokelele kule ngxwabangxwaba ikwesi sicutshulwa. (2)
- 9.8 Caphula kwisicatshulwa ubungqina bokuba omnye wezi zigelekeqe wayebonakala engenalo kwaphela uxolo. (1)
- 9.9 Xela izixhobo zibeziBINI ezikwisicatshulwa ezingqina ukuba eli bali liqhubeka kula maxesha okhanyo. (2)
- 9.10 Uludidi luni lomlinganiswa uThole kule noveli? Xhasa impendulo yakho. (3)
- 9.11 Ingaba isiphelo sale ncwadi sesilindelekileyo okanye sesothusayo? Xhasa impendulo yakho. (2)

[25]

## **UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

### **UKHOZI OLUMAPHIKO – N SAULE**

Kwinoveli ethi, ‘Ukhozi Olumaphiko’, ubumpimpi buyahlabana neenjongo zenkululeko.Ngqina olu luvo.

[25]

## **UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

### **UKHOZI OLUMAPHIKO: N SAULE**

Funda ezi zicatshulwa zenoveli zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### **ISICATSHULWA E**

Yadubula ngelo xesha imikhwazo yanxakama, imemeza ivela kwezinye izisele, kwabanye abavalelw njengam, “Wenzeni umntwan’omntu, selede abethelwe ukubulawa nje?” Kwathi kanti baninzi abayimameleyo imigudu eyenzekayo. Ndangenelela nam ndingenakuzibamba, “Magqwirhandini”, kanti kuloku ziza kupheza izithonga. Zathi cwaka, kwathi cwaka.

Kusasa ngaloo mini ndeva ndingabuzanga ngegwangqa elalize kuthabatha iinkukacha esiseleni sam ukuba “obesenza isimbonono sokukhumbula unina ngephezolo uzixhome ngomlenze webrukhwe lahlanza iselwa.” Ndibuze ngobungxamo ndikhondoza ndifuna ukuqonda ukuba belwenze ntoni na olo sizana, yathi impendulo “ngumntu obecinga unolwazi oluninzi.” Ngesibindi endingaziyo ukuba ndasithatha phi na, ndathi ndakuthi uyaxoka ubulewe ngokubethwa ngamapolisa, lathi igwangqa lingandijonganga “nguwe olandelayo”, ndashiyecka ndithe nkamalala, ndikhamisile. Esi simo seli polisa sandicingisa nzulu, ndatsho ndakhumbula amazwi eqobokazana endandichithe nalo imva kwemini engaphambi kwale yokubanjwa.

Akukho nto ndandingayincokoli noNokuzola, ingakumbi ubomi bam baseyunivesithi njengokuba yena engazange aye nje. Kaloku yena umfokazi wayesebenza njengomongikazi kuloo dolophu yethu iBholo. Wayedla ngokuyiphulaphula ngomdla yonke intshwaqa yam, kodwa kuthi kwakufika kwezopolitiko athi,” ungaleqi endala uba lithole, **umzabalazo kudala wabakho, kwaye uhamba ushiya izigede neengxwelerha endleleni, ungabi lelinye lamaxhoba ke mfo.**” Lathi xa lisithi ndim olandelayo igwangqa,ndamcinga uZo.

- 11.1 Chaza unxulumano lukaMfazwe nala Magqwirha awakhwazayo phambi kokuba abe kule ndawo akuyo namhlanje. (2)
- 11.2 Bonisa ngeengongoma eziNTATHU ukuba ukuxhatshazwa kwabantu kuwuphuhlisa njani umxholo wobuthandazwe kule noveli. (3)
- 11.3 Ukuthi cwaka, zipheze izithonga akukhwaza uMfazwe kungumqondiso wantoni ngokwaqhubekeyo ebuden'i bale noveli. (3)
- 11.4 Tyhila isigqebelo esikoku kuvalelwa kukaMfazwe esiseleni ngale mini ikwisicatshulwa. (2)

- 11.5 Likweliphi inqanaba lesakhiwo ibali ngokwesi sicutshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 11.6 Xoxa ngeengongoma eziNTATHU ubunyani bamazwi kaNokuzola abhalwe ngqindilili kwisicatshulwa ngokwebali lale noveli. (3)

### ISICATSHULWA F

“Mfazwe mtshana kuthe kanti uyindoda! Kunyanisiwe xa kusithiwa ukonakala kwenye kukulunga kwenye. Siqithi mntanam, uyayibona le nto yenziwe ngumzala wakho? “ Wathula cwaka uSiqithi. Lathi litshona elaloo mini, sabe singadinwanga sizinja. Kumalume ndandilizekile ityala ngokulungisa uKhohlelidangatye.

Ukuphuma kwethu emasimini ndandithukuthezelwa yimibuzo emibini endandingafuni kuyiphendula. “ndiyaya okanye andiyi entlanganisweni ngeCawe. Ndiyifunde okanye ndingayifundi incwadi kaNokuzola?” Zakhawuleza zona iiitsuku Iwafika usuku IwangeCawe. Ndisajika-jikana nokungayi entlanganisweni eyayiseyivakaliwi nakoonomathotholo nencwadi ndingekayifundi, wandihla entloko uSiqithi endibuza ukuba ndide ndaggiba kwelithini na.

“Ukuba akuyanga intliziyo yakho ayisokuze yonwabe kuba uza kusoloko ufunu engqondweni ukuba kuxoxwe ntoni na ekuphosileyo”

“Andiqondi ukuba kuya kunceda nto ukuya kwam kulaa ntlanganiso”

“Mhlawumbi kaloku uya kunceda abanye ngokuya kwakho phaya” Kwakucacile ukuba uSiqithi uyenza eyakhe le ndaba yentlanganiso. Ndingekaphenduli waqhuba umfo omkhulu.

“Ukuba bendifguwe mna bendifgayayo, ndive ukuba kuza kuthiwani na, ndibone ke noko into emandiyenze.”

“Uyaqonda phofu ukuba ingajika ibe yingxaki into yokuya kwam kulaa ntlanganiso?”  
“Njani?”

“Ndagxothwa entlanganisweni kusithiwa ndingumrhubuluzi. Ufunu ndiyokuphoxeka phaya kwakhona?”

“Andikholelwa ukuba wonke umntu ucinga ngolo hlobo. Hamba mfondini uye entlanganisweni.”

- 11.7 Xela isenzeko kwintlanganiso egqithileyo esibangela ukuba athandabuze uMfazwe. (2)
- 11.8 Caphula amazwi kwisicatshulwa anika intsingiselo yokuba yayibethabethana ingcinga kaMfazwe ngokuya entlanganisweni. (1)
- 11.9 Xela izixhobo zibeziBINI ezithe ngokusetyenziswa kwazo kwisicatshulwa zangqina ukuba eli bali liqhubeka kwixesha lokhanyo. (2)
- 11.10 Uludidi luni lomlinganiswa uMfazwe kule noveli? Xhasa impendulo yakho. (3)
- 11.11 Ingaba isiphelo sikaMfazwe kule ncwadi sesilindelekileyo okanye sesothusayo? Xhasa impendulo yakho. (2)

[25]

## **UMBUZO 12 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

### **UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI – MMI SWANA**

Intsomi ethi ‘uNongqawuse’ kunye nomhobe othi, “Intaba kaNdoda’ ziqulethe imbali kaNtu”. Ngqina olu luvo.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama 340–390. (2–2½ amaphepha)

[25]

## **UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

### **UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI: MMI SWANA**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi lwemveli zingezantsi, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

#### **ISICATSHULWA G (Intsomi)**

##### **'INTSOMI KADELI NODELIWE'**

‘Kwahlala kwahlala kwayintsomi...’

Ngaminazana ithile uDeliwe wathunywa kwamakhulu. Naxa babedla ngokuhamba bobabini noDeli, uDeli akazange afune ukuhamba naye esithi iyamhlaza into yokuhamba naye eneli gongqo lisemqolo, waba uhamba yedwa ngolo hlobo. Wahamba, wahamba, emana ukuhlala phantsi kuba wayediniwe kwaye kukude yaye indlela ifuna ukuba uyihambe nomntu. Wayeza kuyihamba nabani ke uDeliwe? Wakha wahlala phantsi walila, wagixa wada waba nesinqala. Esathule njalo ecinga, weva ilizwi elincinane lisitsho ngaphaya kwamawa. Wothuka walaqaza uDeliwe akambona tu umntu othethayo ukuba uphi na. Eli lizwi lalivakala ngathi lelentombazana. Naxa lalivakala kancinci yayivakala into eliyithethayo, libugadlela xa lithetha. Waliva uDeliwe lisithi, 'Deliwe!' Wathula uDeliwe exakwe kukusabela kuba engazi ukuba uza kusabela athini na. Lavakala ilizwi kwakhona, 'Deliwe, Deliwe!' Wancuma uDeliwe waphendula, 'Ndiyeva ukuba uyandibiza

kodwa ndixakiwe yindlela yokusabela, ukuba ndithi, 'Hi-i-i, ndibengathi andinambeko'

'Uhlalele ntoni kalusizi kwaNti?' labuza ilizwi.

'Ndithunywe ngumakhulu ngaphaya kwezaa ntaba, ndililolo, le ndlela inde inamaqhina iyandiqoba, ndandikade ndingayiva kuba umnakwethu uDeli wayedla ngokundikhapha, sihambe sincokola, sihleka intsini, sileqaleqane sizibone sesifikile. Ngoku udiniwe ndim akafuni nokundibona, ndiyintlekisa kuye ngenxa yesifombo sam, nabazali bam abandithandi basoloko bendinyhukula nangento njee encinci. Ndisisigculelo sokuxelelwa ukuba andizalwa naye, andisathethi ngabantu elalini, abafuni nokundibona. Xa kuyothezwa ndihamba ndedwa, ndicwezele kwabanye kuba abandifuni. Xa kusiyiwa emlanjeni ndihambela kude nabanye. Sendazikhethela ukuya ngomsobomvu bengekayi abanye abantu okanye ndiye ngokuhlwa, yiyo nale nto ndibhontebhonte zizilonda ndisolwa ngumlambo.'

Lingatshona ilanga ndikubalisela ngentlungu yobukheswa bam. Undibona ndihleli apha nje yiloo nto, kodwa ndiza kungcambaza ndide ndifike kulomama,' waphendula uDeliwe. Laphinda lavakala ilizwi lisithi, 'Yaza yabuhlungu le nto uyithethayo mntan' omntu. Ndingakunceda ukuba uyalufuna uncedo lwam.'

Waphendula ngokukhawuleza uDeliwe esithi, 'Ndiyalufuna uncedo lwakho, ndiyafuna ukuthandwa ngabantu, ngakumbi endingazange ndibenze nto, bonke aba bandicaphukelayo andizange ndibenze nto. Ndincede mntan' omntu.' 'Uyabona ke, sukume kule ndawo uhleli kuyo unyuke laa ntaba iyeyona inde kunezinye, uyincekelele kuba akululanga ukuyiqabela. Baninzi abanye endiye ndibacebise ukuba bayihambe le ndlela ukuze bancedakale. Abanye bayayihamba zisombululeke iingxaki zabo. Abanye bayoyisakala bajike endleleni. Ukuba usentlungwini ngenene uya kunyamezel. Ekunyamezeleni mkhulu umvuzo.' Waqhuba emyala njalo lo mntu. Wamxelela ukuba akufika encochoyini wolufumana uncedo. Phela phela ngantsomi.

- 13.1 Chaza unxulumano oluphakathi kukaDeli noDeliwe kule ntsomi. (2)
- 13.2 Bonisa ukuba ukuzalana kuwuphuhlise ngakumbi umxholo wocalucalulo kule ntsomi. (3)
- 13.3 Lingumqondiso wantoni igama likaDeliwe kule ntsomi? Xhasa impendulo yakho. (3)
- 13.4 Phawula ngexabiso lale ntsomi kwisizukulwana sanamhlanje. (2)
- 13.5 Xela isiganeko esikuvuthondaba kule ntsomi. Xhasa impendulo yakho. (3)
- 13.6 Ngqina ngeempawu zibeMBINI ezibonakalayo ukuba yintsomi le. (2)

#### **ISICATSHULWA H (UMBUZO OMFUTSHANE)**

##### **ENKOSI STEVE BIKO**

- 1 A! Mzantsi-Afrika!
- 2 Nalo ke ilizwe lethu Mzantsi-Afrika.
- 3 Nalo ke ikhaya lethu Mzantsi-Afrika.
- 4 Nantso ke indawo yethu yokubalekela, Mzantsi-Afrika.
- 5 Nantso ke indawo yethu yokulilela, Mzantsi-Afrika
- 6 Namhlanje sithi yeylethu kuba asilwele amathandazwe.
- 7 Namhlanje sithi yeylethu kuba basilwele ooNokwindla.
- 8 OomGcina, ooTyhopho, ooXhamela, lowo ke nguSteve Biko.
- 9 A! Mzantsi-Afrika!
  
- 10 A! Mzantsi-Afrika!
- 11 Hayi! Hayi! Ndiyayithanda le ndoda andizenzi
- 12 Ndizibuz'umbuz'umhla nezolo, 'kutheni na?'
- 13 Andizange ndambona *mos*, ndimbon'emifanekisweni!
- 14 Kaloku le nt'ingumzabalazo ndizelwe seyisecicini
- 15 Yena ke ebesele emnabel'uqaqaqa.
- 16 Ooooo! Ndiyasibona ke ngoku isizathu.
- 17 Yile mfundo ingakhethe bani, zezi zikolo zingakhethe bani. A!
- 18 Mzantsi Afrika!

- 19 A! Mzantsi-Afrika!  
 20 Ndiyafunda kaloku kuba ndifundisiwe ndaye ndifundile.  
 21 Ndifunde ndafunda ndabon'ukub'usilwele isizwe esintsundu,  
 22 Ndabon'ub'uyisindisil'inkedama emlonyeni wengonyama,  
 23 Ndabon'ukub'umsindisil'umhlolokazi emlonyeni wengonyama,  
 24 Yafund'inkedama wathethelelw'umhlolokazi  
 25 Kanti ngaloo ndlela uhamba aph'uBawo asithuma khona.  
 26 Ukuba sinced'abangenamandl'okuzinceda  
 27 A! Mzantsi-Afrika!

- 13.7 Chaza ixabiso loMzantsi Afrika kwimbongi ngokwesitanza soku-1 (1)  
 13.8 Uyintoni uSteve Biko ngokwalo mbongo? (1)  
 13.9 Xela ulwazi esilunikwa ngumqolo we-14 ngemeko yembongi kwezopolitiko. (2)  
 13.10 Xela isizathu sokuwuphindhaphinda uMzantsi Afrika kulo mhobe uwonke. (2)  
 13.11 Nika umxholo walo mbongo. (2)  
 13.12 Ngeengongoma eziMBINI, xhasa uluvo lokuba imbongi ityala umoya wokuba simthande uSteve Biko kwesi sicatshulwa sesihobe. (2)

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukususela kumbuzo 14 ukuya kumbuzo 17.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube MNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama). Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwinoveli/Ncwadi Iwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).

### UMBUZO 14 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

#### BUZANI KUBAWO – WK TAMSANQA

‘Intlekele ekwidrama ethi, ‘*Buzani kuBawo*’ idalwe kukungaqondani phakathi kwezizukulwana ezibini.’ Ngqina olu luvo.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390 (2–2½ amaphepha)

[25]

### UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zedrama uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA I

- |            |  |
|------------|--|
| UMTHETHO:  | ( <i>Eqongqotha inqawa efaka icuba</i> ) Ewe Hlubi unyanisile ukuthi “ucinga”. Thina singala madoda sithi akukaphaki usalungise nje izitya. Ukuba ke luhlobo ophaka ngalo olu, ndingathi uphake kancinane kakhulu, isandla sakho siyabanda Hlubi |
| UNYANISO:  | Uxolo mawethu, ngathi umfo wethu lo akakulandeli Rhadebe kule nto uyithethayo. Kulungile ke Mthi, ukuba uthi uphakile sinike amacephe sitye, singamadoda asikwazi ukutya ngezandla.  |
| UZWILAKHE: | Sii, ndifung’ uBhungane ke ngoku mawethu nindinqabele, ngathi nintsokothe kakhulu. Fuda ndisithi ndingumXhosa, nesiXhosa ndiyasazi, namhla ndifuna itoliki.  |
| UZWENI:    | UmXhosa akatolikelwa isiXhosa Hlubi.   |
| UMTHETHO:  | Khanimyeke madoda ndimtyebisele xa engeva kakuhle. Nali ke yihlo. Andithi phambi kokuba usibize ukhe wadlana iindlebe nomfana lo?  |
| UZWILAKHE  | Kunjalo kanye Hlubi.   |
| UMTHETHO:  | Kulo mdlano-ndlebe ke Mthi, nihambe nabekana phi?  |
| UZWILAKHE: | Sabekana phi njani?  |

UMTHETHO:	Akukho nto imbi nikhe natetha ngayo?
UZWILAKHE	Enje ngani ke, Mthi?
UMTHETHO:	Nokuba yenjengani na mayela nenyewe le singayo apha namhlanje.
UZWILAKHE:	Hayi ayikho ngaphandle kokuba ndithe umfana kufuneka ezekile, savumelana.
UMTHETHO:	<b>Kungaba ke Rhadebe-e-e, kungaba umfana lo akakhange akuhlebele into yokuba mhlawumbi sekukho ntombi seyimphandlile.</b>
UZWILAKHE:	Hayi asiyanga kulo ndawo kwaye ke nangaphezu koko, nam andikhange ndibe namdla wakuya kuyo kuba ndisazi ukuba into yokubona umfazi asindawo yakhe leyo.

- 15.1 Xela umba ekudityenwe ngawo ngamaHlubi kule ntlanganiso. (1)
- 15.2 Ngqina ukuba ixesha ezimbalini lidlale indima ephambili kwimpixano ekule drama. (2)
- 15.3 Kukuthini ukudlana iindlebe? (1)
- 15.4 Chaza umahluko kwindlela amaHlubi alitolika ngayo isiko lokubonela nendlela uZwilakhe alitolika ngayo. (2)
- 15.5 Ubandakanyeka njani uMagaba kule ngxubakaxaka yale mini? (2)
- 15.6 Cacisa izenzo eziBINI zikaZwilakhe neziphumo zazo eziphuhlisa ukuba ngenene uyilandele le mbono yokuba “ukubona umfazi asindawo kaGugulethu.” (4)
- 15.7 Ingaba unyanisile uZwilakhe ukuba uvumelene nonyana wakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 15.8 Chaza umoya wale ngxoxo ikwesi sicutshulwa. (1)

### ISICATSHULWA J

USICELO:	Khawutsho mfondini, kakade yintoni ebanga ukuba lo mfana angafuni nokuva ngale ntombi? Khona ke mfondini sekutheni, ungade ufune ukudlula ilizwi labazali? <u>Noko lo mfana uzibizela amashwa ngale nto ayenzayo</u> . Nalo mntwana uThobeka ingemntwana ugxekekileyo nje, simazi ekhulela phambi kwethu, kutheni kanye?
UMZAMO:	Ee-e-e suka Sicelo mfondini! Kanti nawe ukwakule ngqondo yala maxhego isesemva? Uyazi ukuba bendisithi sewusuka kwizinto zokumana kusithiwa kwathi kwathi amasiko. Kanti usekuloo nkunkuma nawe?
USICELO:	Hayi mfondini ndenziwa kukuba ndiyaloyika ilizwi lomzali, andifuni umzali axakaniseke ngenxa yam.
UMZAMO:	<b>Apha kwaba bafana baseZazulwana andikhola ukuba ukho umfana odlula uGugulethu ngokubeka abazali</b> , kodwa kwinto enjengale ndimgxeka ndingamgxezi, kwaye nabazali bakhe ndiyabahlaba kakhulu. Ingqina laloo nto yokuba lo mfana ubahlonele abazali bakhe uzinyanzele weza ecaweni, into leyo ebingeze yenziwa ngomnye umntu, nditsho nawe ubungeze wayenza.

**USICELO:** Hayi mfondini noko lo mfana ndiyamhlaba. Ewe, ngendisiva ukuba le ntombi anyanzelwa kuyo ibidume ngesimilo esibi. Intombi kaMcothama mfondini ayinasahlava, ifanelekile ukuba ingenziwa umfazi nanguwuphi na umfana.

**UMZAMO:** Hayi mfondini le nto wena apho isuka khona, ixhwangusha eli wena selithembise enye inzwakazi kula macala angaseMthatha. Laye ke ndijongile nje intombi le liyayithanda alizenzisi.

- 15.9 Ingaba waqhuba ekungalithathini ilizwi labazali uGugulethu ngale ntombi? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 15.10 Loluphi udidi lozobo olusetyenziswe ukuzoba uGugulethu kule ntetho kaMzamo ibhalwe ngqindilili? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 15.11 Nika isizathu asibekayo uGugulethu sokungafuni ukutshata noThobeka. (1)
- 15.12 Tyhila isigqebelo esikwisenco sikaZwilakhe sokutshata ngokwakhe noThobeka xa ebophe isandla uGugulethu. (2)
- 15.13 Chaza uluvo analo umbhali wale drama ngesiko lokubonela. Chasa/uxhase olu luvo. (3)
- [25]

## UMBUZO 16 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### INDLAL'INAMANYALA – M LAMATI

“Intlekele ekwidrama ethi, ‘*Indlal’inamanyala*’ idalwe kukuhlelana kwabantu-umzekelo ukuhlelwa kwabantu abangathathi ntweni ngabanezinto.’ Ngqina olu luvo.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama 340–390. (2–2½ amaphepha)

[25]

### OKANYE

## UMBUZO 17 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda ezi zicatshulwa zedrama zilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA K

SIBANE:	Liienza njani kanye le nto?
SIQHIWU:	Libe lindixeleta ukuba andinako ukumbona uKheneli Sibane kuba akabonwa ngamadlakadlakana anje ngam lo ...
SITHONGA:	Uyaxoka kwedini ...
SIBANE:	Khawume wena!
SIQHIWU:	Libe lindinyanzela Mhlekazi ukuba mandiyixele kulo ingxaki endiyihambele kuKheneli Sibane.
SITHONGA:	Iyaxoka Kheneli le ...
SIBANE:	Ndithe thul' ufe wena! Andiyi kuhinda nditsho ke. Qhuba mfo wakuthi.
SIQHIWU:	Ndithe ndalixeleta Mhlekazi ukuba le ngxaki ndiyihambeleyo ilihlebo phakathi kwam noKheneli Sibane, hayi bo, alavuma nantwana.
SIBANE:	Ewe.
SIQHIWU:	Ndaba, ngalixeleta ukuba ndithunyelwe nguKheneli Sibonda waseBotha Sigcawu kuKheneli Sibane, hayi bo, alavuma: nokuba ndithethe eli polisa.
SIBANE	(KuSithonga) kudala ndiniyalala Sithonga ukuba musani ukudlala ngabantu kule nto yale ofisi. Ndiyadinwa ke mna kukuthetha. Indoda ize ingakhali ke. Undivile Sithonga?
SIQHIWU:	Ewe Kheneli.
SIBANE:	(KuSiqhiwu) Yiza ngapha mfo wakuthi. (Baye e-ofisini kaKheneli Sibane) Thabatha naso isihlalo uchophe. Kanene ubuthe ungubani igama lakho?
SIQHIWU:	NdinguSiqhiwu kaSihlwele bawo, okhaya lilapha kwaKaplan.
SIBANE:	NguKheneli Sibane ke lo uthetha naye. Yintoni ingxaki yakho ke mfo kaKehle?
SIQHIWU:	Kwisithuba seminyaka emithathu edlulileyo ndaphumelela ibanga leshumi. Emva koko ndabhala uvavanyo Iwabaceli-msebenzi apha kwaRhulumente, nalo ndaluphumelela.
SIBANE:	Khawuqhube.
SIQHIWU:	Emva koko ke ndaxeletwa ukuba mandigoduke ndize ndilinde incwadi endiya kuthi ndaziswe ngayo xa kuthe kwavela isithuba.
SIBANE:	Ibe ntle ke loo nto.

- 17.1 Xela umba ekudityenwe ngawo nguSiqhiwu nesipolisa. (1)
- 17.2 Ngqina ukuba imeko yendlala idlale indima ephambili kwimpixano ekule drama. (2)
- 17.3 Kuthetha ukuthini ukuthi, 'akabonwa ngamadlakadlakana anje ngam lo'? (1)
- 17.4 Chaza umahluko kwindlela uMaqhikizane noSiqhiwu abayitolika ngayo inkonzo kaRhulumente kule drama. (2)
- 17.5 Ubandalakanya njani uMaqhikizane kule ngxubakaxaka akuyo uSiqhiwu ngale mini? (2)
- 17.6 Cacisa izenzo eziBINI neziphumo zazo eziphuhlisa ukuba uSiqhiwu akathandi kudlalwe ngabantu kule drama. (4)

- 17.7 Ingaba unyanisile uKheneli Sibane xa athi, 'Ndiyadinwa ke mna kukuthetha'? Xhasa impendulo yakho (2)
- 17.8 Chaza umoya wale ngxoxo ikwesi sicutshulwa. (1)

### ISICATSHULWA L

MAMQHINEBE:	Hay' uyabhuda ke ngoku.
MAGATYENI:	Masibambelele ethembeni mfazi. Sisaya kuvuzwa ngenye imini, ndiyakuxelela. Masithandaze mfazi.
MAMQHINEBE:	Sakukhuthuka amadolo sithandaza.
MAGATYENI:	<b>Ukholo Iwakho Iuye phi na MamQhinebe?</b>
MAMQHINEBE:	Ndiyaguga ngoku, oko ndathandaza, kodwa andide ndibone nto.
MAGATYENI:	Ndiya kuhlala ndikuthandazela Qhinebe, yonke imihla ukususela namhlanje, de ukholo Iwakho lubuyele kuwe.
MAMQHINEBE:	Kanti ke Gatyeni ingathi ngowungazahluphi ngomntu ongasafuni kuthandazelwa.
MAGATYENI:	Awu watsho Qhinebe? Selukuphelele olo hlobo na ukholo mfazi?
MAMQHINEBE:	Ungandithandazela njani mna usahlulwa kukuzithandazela ngokwakho?
MAGATYENI:	Inene, bendingazi ukuba umntu ukhe aphindele ekuqaqadekeni nokuba selekhule kangaka.
MAMQHINEBE:	Akukho ndawo irhuqa umrhaji ke apho MaGatyeni? Akukho ndawo irhuqa umrhaji apho?
MAGATYENI:	Hay' uxolo Qhinebe. Noko asingedede sifune ukukhuphana amehlo ngento encinci kangaka.
MAMQHINEBE:	Intu endize ngayo apha MaGatyeni, njengokuba sele ndize kudibana nokuthukwa nguwe nje, yile ndinecebo eliya kusenza sibe zezingawothiyo zona umlilo izityebi ezi.
MAGATYENI:	Uthini na Qhinebe? Thina sibe zizityebi? Nazityebi, eziya zona zingasawothiyo nomlilo? Uthi andiphuphi kodwa?
MAMQHINEBE:	Akuphuphi tu. Ungaphupha njani uhleli?
MAGATYENI:	Ungazenzi iintsomi emini mfazi kuba uya kusuka uphume iimpondo, ndiyakuxelela.
MAMQHINEBE:	Asiyontsomi le ndikubalisela yona MaGatyeni. <u>Siza kuphuma apha ezintwaleni, siphume kula matyotyombe ayeyethekayo</u> <u>sihlala kuwo, siye kuhlala neengingi phaya eNorth Crest.</u>

- 17.9 Ingaba wabambelela kulo lade laphela ibali eli themba athetha ngalo uMaGatyeni? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 17.10 Loluphi udidi lozobo olusetenziswe ukuzoba uMamQhinebe kule ntetho kaMaGatyeni ibhalwe ngqindilili? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 17.11 Xela isizathu sokuba uDlezinye akholelwwe ukuba lo msebenzi ufanele abafazi. (1)
- 17.12 Tyhila isigqebelo esikwintetho kaMamQhinebe ekrwelelwwe umgca ngaphantsi. (2)
- 17.13 Chaza ulovo analo umbhali wale drama ngolwaphulo-mthetho. Chasa/uxhase olu luvo. (3)













